

Africanism was born in me

Tsi! Tsi! Ma-Afrika amahle
Buphi na ubuAfrika benu?
Kutheni ningabugqamisi nje okwepikoko ityhila amaphiko?
Kuyephi na ukuzingca ngobuAfrika?

Tyhini mandiqale ndibhotise mawethu imbeko iyephi na
Habari wa-Afrika ,Sanni `yan Afrika ,Ndewo ndiAfrika
Sanibonani eAfrika

Kaloku iAfrika lixhalanga elimaphiko mdaka
Lilizwekazi elinentlukwano yeelwimi
Ngumzi ophucuke kakhulu kumasiko nezithethe
Kiswahili ni lugha inayozungumzwa Zaidi katika Afrika

The culture of Africa is varied
We have Maasai of Kenya and Tanzania
Himba of Northwest Namibia, Zulu of South Africa
Bushman, San or Khoisan of Southern Africa
With amaZulu being one of the most popular tribes in Africa
Masitshile sitshotshe ma-Afrika
Singqishe sigqushalaze sombele ngeAfrika ikhaya lethu
Ikhaya labangxwerhaka

Aah! Sunni Ali Ber, Aah! Askia the Great
Aah! Idris Aleoma, Aah! Shaka Zulu
And in remembrance of all our late African Kings
Andinilibelanga magqala ndini

Um-Afrika makazingce ngobuAfrika bakhe
Makazazi ulwimi lomthonyama osabela ngalo
Khon`ukuze anxulumane nezithethe zakhe
Zazini imvelaphi yenu mawethu
Khon`ukuze umkhondo wokhokho ungaduki
Umntu ongayaziyo imvelaphi yakhe yingxwelerha
Eyakudala iingida kwisizukulwana sakhe

Let us come together to celebrate our Africa
Masidibanis`iintloko mawethu sabelane ngeelwimi namasikoeAfrika

Amazwembe-zwembe ngeAfrika ndiwenzile
Okwenu kukuntshulisa netyise oko sendikubekile
Kuba nihleli ningabantu abangqondo ziphucukileyo zingakhucukanga

Ndibona ipikoko intake entle kweli lizwe
Ewe i-Afrika yinyibiba intyatyambo
Eqaqambileyo enqabeni ezixhotyeni ngaphakathi kwamalwalwa
Huntshu Afrika ngokumela inyameko nenyano ezizweni!